Isifundo 3

**Oktobha 13-19*

“Ukuze Bonke Babe Banye”

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Yohane 17:1–26, 1 Yohane 5:19, Yohane 13:18–30, Yohane 5:20–23, Marko 9:38–41, IsiTy. 18:4, 1 Yohane 2:3–6.

Indima Yenkumbulo:
“Andiceleli ke aba bodwa, ndicelela nabo baya kukholwa kum ngelizwi labo; ukuze bonke babe banye; njengokuba wena, Bawo, ukum, mna ndikuwe, ukuze nabo babe banye kuthi; ukuze ihlabathi likholwe ukuba wena wandithuma” (Yohane 17:20, 21).

IGospile kaYohane isinika umhlolokazi okufuphi elisweni lenkathalo kaYesu njengoko ukungcatshwa nokufa kwaKhe kwakubonakala phezu kwentaba. Kwizahluko ezihlanu ezibalulekileyo (Yohane 13–17) sifumana amazwi okugqibela kaYesu okululeka, efikelela kwinto ekuthiwa ngu“mthandazo wobubingeleli obuphezulu” (Yohane 17). “Sisihloko esifanelekileyo, kuba iNkosi yethu kulo mthandazo iyazinikela ukuba ibe ngumbingelelo ekuza kuthi ngaxesha linye ibe ngumbingeleli nexhoba. Kwangelo xesha linye, ukwa ngumthandazo wokuzinikela ngenxa yabo umbingelelo wenzelwa bona—abafundi ababekho kwigumbi eliphezulu kunye nabo babeza kuza elukholweni kamva ngenxa yobungqina babo.” —F. F. Bruce, *The Gospel of Yohane* (Grand Rapids: Eerdmans, 1983), p. 328. Kumongo walo mthandazo kukho ukukhathazeka kukaYesu ngenxa yobunye phakathi kwabafundi baKhe kunye nabo babeza kuthi bakholwe kuYe kamva. Yayingumongo ophambili lo: “Mna ndicelela bona; andiceleli lona ihlabathi, ndicelela abo undinike bona; ngokuba bengabakho. Izinto zonke ezizezam zezakho, zibe ezakho zizezam; ndizukisekile ke kubo.” (Yohane 17:9, 10). Ayikho ingxoxo enolutho ngobunye bebandla, ngobunye bethu kuKristu, enokuphelela ngaphandle kokunikwa ingqwalaselo enikwe kulo mthandazo. Wathandazela ntoni uYesu, ethandazela bani, kwaye uthetha ntoni kuthi umthandazo waKhe namhlanje?

** Funda isifundo sale veki ukulungiselela i Sabatha kaOktobha 20.*

UYesu Uyazithandazela

Umthandazo wombingeleli omkhulu wahlulwe wazizigaba ezithathu. Kuqala, uYesu uthandazela isiqu saKhe (Yohane 17:1–5), aphinde ngabafundi baKhe, (Yohane 17:6–19), aze ekugqibeleni ibe ngabo babeza kuthi kamva bakholwe kuYe (Yohane 17:20–26).

Funda: Yohane 17:1–5. Uyintoni umxholo womthandazo waKhe, kwaye uthetha ntoni kuthi?

UYesu uthethela Yena kuqala. Kwiziganeko zangaphambili kwiGospile kaYohane, uYesu wayebonisile ukuba ixesha laKhe lalingekafiki (Yohane 2:4, 7:30, 8:20). Uyazi ngoku ukuba ixesha lombingelelo waKhe lifikile. Umzuzu wesiphelo sobomi baKhe obubuhlungu kulo mhlaba ufikile, kwaye udinga amandla okuwugqiba umsebenzi awuzeleyo. Lixesha lomthandazo. UYesu uza kumzukisa uYise ngokwenza intando yaKhe, nokuba kuthetha ukunyamezela uMnqamlezo. Ukwamkela kwaKhe uMnqamlezo asilohlobo nje lokuzibeka ekufeni; endaweni yoko, yindlela asebenzisa ngayo igunya uYise amnike lona. Wayengafi ukufa kokufelukholo, kodwa ukuzukisa uYise ngentumekelelo yokuzalisa unobangela wokuzalwa esenyameni kwaKhe: ukufa kwaKhe okungumbingelelo emnqamlezweni ngenxa yezono zehlabathi.

Buyintoni ubomi obungunaphakade ngokukaYohane 17:3? Kukuthini ukumazi uThixo?

Ekuqaleni kwako konke, uYesu usixelela ukuba ubomi obungunaphakade buquka ukumazi komntu uThixo. Olu asikuko ukusindiswa ngemisebenzi okanye ngolwazi, kodwa kukuba namava okuyazi iNkosi ngenxa yoko uYesu wasenzela kona eMnqamlezweni. Olu lwazi luthethelelwa lulwalamano noYise. Umkhwa wethu thina kukuluphelelisa ulwazi kwiinyaniso nemininingwana, kanti uYesu apha ujonge kwinto enzulu kakhulu kunokwenza: ubudlelane bomntu noThixo. Ukuza kukaYesu kokuqala kwakunayo injongo yokhokela uluntu ekufuneni kwalo intsingiselo engaphezulu nokumazi uThixo okusindisayo, kwakunye nobunye, omnye nomnye, olukhokelela kubo olo lwazi.

Yintoni umahluko phakathi kokwazi ngoThixo nokumazi buqu uThixo? Mava mani owakha wanawo athi akunceda ukuba ufikelele ekumazini uThixo?

UYesu Uthandazela Abafundi BaKhe

Funda: Yohane 17:9–19. Yintoni kanye uYesu ayithandazela yona ngqo ngabafundi baKhe?

Emva koku uYesu uthandazela abafundi baKhe, ababekwingozi enkulu yokulahlekwa lukholo lwabo kuYe ngemihla eyayisiza, xa Yena, Yesu, wayengasayi kuba enabo esenyameni. Ngoko ke, ubanikela kwinkathalelo kaYise. Umthandazo kaYesu ngowenkuseleko yabo emhlabeni. Ngenxa yoko, uYesu akathandazeli ihlabathi, kuba uyazi ukuba ngaphakathi lichasene nentando kaYise (1 Yohane 5:19). Ngenxa yokuba ihlabathi yindawo apho abafundi babeza kusebenza khona, uYesu uthandazela ukuba baze bagcinwe bangoniwa yinkohlakalo yehlabathi. UYesu ukhathazekile ngehlabathi; ngokwenene unguMsindisi walo. Kona ukusasazwa kwegospile kuyinxalenye yabo baza kuhamba bayokushumayela iindaba ezilungileyo. Yiyo le nto uYesu edinga ukungenelela ngenxa yabo ukuze ongendawo angaboyisi (Mat. 6:13).

Omnye umfundi, phofu, sele oyisiwe. Ebetshilo uYesu ngobusuku obungaphambili ukuba omnye wabo ugqibe ukuba amngcatshe (Yohane 13:18–30). Nangona uYesu ethetha ngento isiBhalo ebesiyithethe kwangaphambili, (Nd. 41:9), uYuda wayengelilo ixhoba lesiphelo esibi. Ngexesha lesiDlo sokuGqibela, uYesu wabhenela kuYe ngesenzo sothando nobuhlobo (Yohane 13:26–30). Esidlweni somthendeleko wePasika, uYesu wabubonisa ubuThixo baKhe ngokuyiveza injongo yomngcatshi. Ngenceba, wayemfakile uYuda ekulungiseleleni kwaKhe abafundi. Sathi kodwa isibheno sothando sokugqibela asathotyelwa.—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 720. Esazi ukuba umona namakhwele anako ukubahlula abafundi, njengoko kwakha kwenzeka kwesinye isiganeko, uYesu uthandazela ubunye babo. "Bawo oyingcwele, balondolozele egameni lakho abo undinike bona, ukuze babe banye njengathi" (Yohane 17:11). Ubunye obunjalo bungapha kokuba bungafezwa ngumntu. Bunokuba sisiphumo nesipho sobabalo lwezulu kuphela. Ubunye babo buzinze kubunye boYise noNyana, baye obu bunye yinto edingekayo ekungeke kwenziwe nto ngempumelelo emsebenzini ingekho kwixesha elizayo. Ukungcwaliswa kwabo ngenyaniso yinto engenako ukungeziwa ukuze balungele umsebenzi. Umsebenzi wobabalo lukaThixo kwiintliziyo zabafundi, wawuza kubaguqula. Ukuze ke babe nayo inyaniso kaThixo, kufuneka bona baqale baguqulwe yiyo loo nyaniso.

Kuthetha ukuthini "ukungabi ngabehlabathi"? Yintoni le ethi ngathi, ngobomi bethu, nendlela esiphila ngayo, isenze ukuba "singabi ngabehlabathi"?

LWESIBINI *Oktobha 16*

“Nabo Baya Kukholwa Kum”

Akuba uYesu ethandazele abafundi baKhe, uyawandisa umthandazo wakhe ehlanganisa “nabo baya kukholwa kum ngelizwi labo” (Yohane 17:20).

Funda: Yohane 17:20–26. Wawuyintoni owona mnqweno mkhulu kaYesu ngabo babeza kuthi kamva bakholwe kwisigidimi seendaba ezilungileyo? Kubaluleke ngantoni ukuba lo mthandazo uzaliseke?

Njengokuba uYise noNyana bebanye, uYesu wathandazela ukuba amakholwa exesha elizayo nawo abe manye. Kwiindawo ezimbalwa zeVangeli kaYohane, uYesu wabhekisa kubunye bukaYise noNyana. Abaze basebenze ngokuzimeleyo elowo yedwa, kodwa basoloko bemanyene kuko konke abakwenzayo (Yohane 5:20–23). Babelana ngothando olunye loluntu oluwileyo kangangokuba uYise wakulungela ukunikela ngoNyana waKhe ehlabathini, waza noNyana naYe wakulungela ukunikela ngobomi baKhe ngenxa yalo (Yohane 3:16, 10:15). Ubunye athetha ngabo uYesu kulo mthandazo bubunye bothando nenjongo njengoko kunjalo phakathi kukaYise noNyana. “Ngayo le nto, baya kwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nithe nathandana” (Yohane 13:35). Ukubonakalalisa obu bunye ngothando, kuya kuqinisekisa, kokubini, ulwalamano noYesu kunye noBawo. “Ukubonakalaliswa kobunye babo ngenene, kumele ukunika ubungqina oboyisayo kwinyaniso yegospile.”—Andreas J. Köstenberger, Yohane, *Baker Exegetical Commentary on the New Testament* (Grand Rapids: Baker Academic, 2004), p. 498. Yindlela le eliya kuthi ihlabathi lazi ngayo ukuba uYesu unguMsindisi. Ngamanye amazwi, obu bunye uYesu wayebuthandazela, abukwazi ukungabonakali. Lingoyisakala njani ihlabathi ngobunyaniso begospile xa lingenako ukubona uthando nobunye phakathi kwabantu bakaThixo? “UThixo ukhokela abantu ukuba beme kumgangatho wobunye obugqibeleleyo wenyaniso engunaphakade. . . . UThixo umisele ukuba abantu baKhe baze bafike kubunye bokholo. Umthandazo kaKristu kanye phambi kokubethelelwa kwaKhe wawungowokuba abafundi baKhe babe banye, njengoko Yena noYise bebanye, ukuze ihlabathi lazi ukuba uYise umthumile. Lo mthandazo uchukumisa kakhulu nomangalisayo ufikelela kwizizukulwana, nakule yethu imihla; kuba amazwi aKhe athi: ‘Andiceleli ke aba bodwa, ndicelela nabo baya kukholwa kum ngelizwi labo.’ “Athi ukubaluleka kokuba nenzondelelo enkulu kwabo bazibiza ngokuba bangabalandeli bakaKristu ukufuna ukuba lo mthandazo uphendulwe ebomini babo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church,* vol. 4, p. 17.

Yintoni esiyenzayo ebomini nasemabandleni ethu ukunceda ukuba kufikelelwe kobu bunye kuthethwa ngabo apha? Kutheni le nto kukho umyinge wokufa okubalulekileyo kuthi ngabanye ukuba sifuna ibandla lethu limanyane njengoko kufanelekile?

Ubunye Phakathi KwamaKristu

Funda: Marko 9:38–41 noYohane 10:16. Isifundisa ntoni impendulo kaYesu kumpostile uYohane ngokuzinxwema nokukhawuleza ukugweba ukuba ngubani ongumlandeli wenene kaYesu?

AmaSeventh-day Adventists anento yokuwubona umthandazo kaYesu kuYohane 17 njengobhekisa kubunye bebandla lawo. Kufuneka simanyane njengebandla ukuzalisa ukuthunywa kwethu ukuba sithethe ngezigidimi zeengelosi ezintathu ehlabathini. Kule ndawo, incinane kakhulu imbambano. Ngaphandle kwengxoxo, siyakholwa ukuba uThixo unabo abantu abathembekileyo nakwamanye amabandla ngaphandle kweli lethu. Ngaphandle koko, iBhayibhile icacisile ukuba uThixo unabo abathembekileyo naseBhabheli: "Phumani kuyo bantu bam, ukuze ningadlelani nayo ngezono zayo, nokuze ningamkeliswa kwizibetho zayo" (IsiTy. 18:4). Ngelo xesha linye, siyazi ukuba, ngokwencwadi yesiTyhilelo, kukho ukreqo olukhulu phakathi kwabo bazibiza ngegama likaKristu, nokuba ngemihla yokugqibela amaKristu amaninzi obuxoki aya kumanyana kunye kwakunye nolawulo lwesizwe ukuze azise intshabalalo kakhulu exelwe kwisiTyhilelo 13:1–17. Kungoko, ama-Adventists kufuneka asoloko ekulumkele ukungena kubizo lobunye namanye amabandla, njengoko kubonakala kunjalo kwimibutho yeenkonzo.

Singanalo njani, ke ngoko, ulwalamano namanye amabandla? UEllen G. White wabhala oku kulandelayo ngokubhekiselele kwiSeventh-day Adventist Church nokusebenza kwayo namanye amaKristu, ngakumbi kanye kulo mba: "Njengokuba umthunywa ongumntu enikela intando yakhe kwintando kaThixo, uMoya Oyingcwele uya kwenza umbhalo ezintliziyweni zabo alungiselela kubo. Niboniswe ukuba akufuneki sibabukule abasebenzi beW.C.T.U. Ngokumanyana nabo ngokuzinxwema okupheleleyo kokutyiwayo [nokuselwayo] asiguquli inyathelo lethu ekugcinweni komhla wesixhenxe, kwaye sinako ukubonisa ukuxhasa kwethu indawo abemi kuyo kumba wozilo. Ngokuvula ucango sibameme ukuba bahlangane nathi kumba wozilo, soba sizizuzela uncedo kumsebenzi wozilo; kwaye nabo, ngokuhlangana nathi, baya kuziva iinyaniso ezintsha uMoya Oyingcwele alindele ukuzifaka ezintliziyweni."—*Welfare Ministry,* p. 163.

Nangona wayephethe umba okhethekileyo ngexesha elikhethekileyo, uyayinika imithetho-siseko esinokuyilandela ngokubhekiselele kulwalamano namanye amaKristu, ngakumbi kumba wokumanyana ngomcimbi othile. Kuqala, sinako ukusebenza nawo kwizinto ezithile ezenza umdla wasekuhlaleni. Okwesibini, ukuba sithi sihlangane nawo, kufuneka sikwenze oko ngendlela engayi kuthoba iinkolo zethu okanye esikwenzayo. Okwesithathu, sinako ukwenza sibusebenzise obu "bunye" ukwabelana nabanye ngeenyaniso ezixabisekileyo esiye sasikelelwa ngazo.

Inkolo Enye Ithethwa Ngothando

KuYohane 17:3, uYesu wathi, ubomi obungunaphakade kukumazi uThixo. Funda: 1 Yohane 2:3–6. Kukuthini ukumazi uThixo? Sikubonisa njani ukumazi uThixo ebomini bethu bemihla ngemihla?

Ngokwesiqhelo, abantu ekuhlaleni banga bangazibiza ngokuba bangabemi abathobela umthetho, kanti kwabona bakulahlela phantsi okufunwa yiBhayibhile ukuba kugcinwe umthetho kaThixo. Abanye bade bathi ubabalo lukaThixo luyayisusa imithetho kaThixo. Phofu asiyiyo imfundiso yeBhayibhile le: "Ukugcina imithetho akwenzi ukuba simazi uThixo kodwa kungumqondiso wokuba siyamazi uThixo/uYesu, kwaye simthanda. Ngoko ke, ukumazi uThixo akuyiyo intetho nje, kodwa kusikhokelela ekwenzeni."—Ekkehardt Mueller, *The Letters of Yohane* (Nampa, Idaho: Pacific Press, 2009), p. 39. UYesu ngokwaKhe wacinezela ukuthi: "Ukuba niyandithanda, yigcineni imithetho yam." "Lowo unayo imithetho yam, ayigcine, nguye ondithandayo" (Yohane 14:15, 21). "Sazi ngale nto ukuba siyabathanda abantwana bakaThixo, xa sukuba simthanda uThixo, siyigcina imithetho yakhe. Kuba ukumthanda uThixo kuko ukuthi, siyigcine imithetho yakhe; ayinzima ke imithetho yakhe" (1 Yohane 5:2, 3).

Funda: Yohane 13:34, 35. Ngumthetho othini uYesu awawunika abafundi baKhe, kwaye oku kuhambelana njani nengcinga yobunye phakathi kwabalandeli babaYesu?

Umyalelo wokuthanda ummelwane wawungengumyalelo mtsha kwimiyalelo eyanikwa uMoses (Lev. 19:18). Into eyayintsha kumyalelo uYesu awawunika abafundi baKhe yeyokuba bathandane njengoko wabathandayo. Umzekelo kaYesu wothando lokuzincama yimeko entsha ekuhlaleni kobuKristu. Umgangatho onjalo ukuphakama obekwe phambi kwethu! Ubomi bukaYesu babusisibonakalaliso esiphathekayo sothando lusebenza. Wonke umsebenzi wobabalo uyinkonzo enye yothando eqhubeka okokoko, ukuzilandula, nomzamo wokuzincama. Sinako ukucinga ukuba ubomi bukaKristu babuyinkonzo engapheliyo yokubonakalalisa uthando nokuzincama ukuze kulungelwe abanye. Umthetho-siseko owawuqhuba uKristu kufuneka uqhube abantu baKhe kuko konke ukusebenza kwabo nabanye. Ubungqina obuhle kangako obuya kuthi bube bubo luthando ehlabathini! Athi ukuba makhulu kwamandla obunye phakathi kwethu aya kuza nolo thando!

Singakufunda njani ukuveza uhlobo lothando lokuzincama ngenxa yabanye njengoko wabonisayo uYesu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, "God's Law Immutable," amaph. 443–446, in The Great Controversy. Funda: the articles "Denominations, Relations to Other," amaph. 763, 764, and "Roman Catholic Church," p. 1110, in *The Ellen G. White Encyclopedia*. "Nangona iSeventh-day Adventist Church ilibandla lezwe lonke elinamabandla amaninzi asekuhlaleni, ama-Adventists awabangi ukuba alibandla likaKristu lezwe lonke. Ibandla lezwe lonke libanzi kakhulu kunalo naliphi ibandla. Liyabonakala laye alibonakali njengoko linabo bakholelwa kuYesu kwaye bemlandela. Lo mba uwodwa wokwazi uThixo, uyababazeka xa siphawula ukreqo phakathi kwamaKristu, ekuthethwa ngalo ngokucacileyo kwisiTyhilelo. Ibandla elinyulu lesiTyhilelo 12 lithelekiswa ne'henyukazi' lesiTyhilelo 17, iBhabheli umzi omkhulu, othi uthelekiswe nomtshakazi weMvana, umzi ongcwele okanye iYerusalem eNtsha yesiTyhilelo 21 nama-22. Kwinkulungwane yokuqala, ibandla lezwe lonke linokuba lalibonakala kakuhle, kunzima kakhulu kwaye kuxakile ukulibona, umzekelo, ngexesha laphakathi, [Medieval Ages]. "Ngoko ke, ama-Adventists awayiqoshelisi ingcinga yebandla likaThixo lenyaniso kwibandla lawo ngokwawo, kwaye engasuki alandise ngokuhlanganisa amanye amabandla obuKristu. Ibandla likaThixo lenyaniso linabantu abakholwa ngokwenene kuYe. UThixo uyabazi. Ama-Adventists, kwelinye icala, abanga ukuba asisisalela sexesha lesiphelo esibonakalayo esikhethekileyo sikaThixo sesiTyhilelo 12:17 nezahluko 12–14. Esi sisalela sinembonakalo yobukho ekuhlaleni naselizweni lonke (IsiTy. 2:24 nanku-12:17)."— Ekkehardt Mueller, "The Universality of the Church in the New Testament," in Ángel Manuel Rodríguez, ed., and *Message, Mission, and Unity of the Church* (Silver Spring, Md.: Biblical Research Institute, General Conference of Seventh-day Adventists, 2013), p. 37.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kubaluleke ngantoni ukuzaliseka komthandazo kaYesu kuYohane 17 kwibandla lethu? Kutyhila ntoni ukulangazelela kukaYesu ubunye bebandla lenkulungwane yokuqala ngolangazelelo lwaKhe ngebandla lethu namhlanje?

2. Ingaba ibandla lakho liyasebenza namanye amaKristu kwimiba ethile? Kwahamba kakuhle kanjani oko? Singasebenza njani nabo, xa kufanelekile, singakhange siyekelele kwiinyaniso esizinikiweyo?

3. Yintoni ethethwa sesi sicatshulwa siphuma kwiMbambano Enkulu? Singenza njani ukuba senzeke phakathi kwethu? "Ukuba abantu abazibiza ngoThixo bebengamkela ukukhanya njengoko kukhanya kubo elizwini laKhe, bebengafikelela kubunye awayethandaza ngabo uKristu, obuchazwa ngumpostile, 'ubunye boMoya ngentambo yoxolo.' 'Mnye umzimba,' utsho, 'mnye noMoya, njengokuba nabizwayo nokubizwa, naba nathemba linye lobizo lwenu. Inye iNkosi, lunye ukholo, lunye ubhaptizo, mnye uThixo.' Efese 4:3–5."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, p. [379].